

Inombolo yefayili.: 20/3/13/P
Isalathiso: 20240227-2010

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0003/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli (KwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacuquzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

ISihloko: Inkqubo yokufaka isicelo sokuba liziko lokumakishela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezeSatifikethi seMatriki ngoNovemba 2024 ukuya kuSeptemba 2027

1. NgokoMmiselo (*Regulation*) 36 kwii-Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination, eyapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No 31337 yowe-29 Agasti 2008, njengoko ifakelwe izilungiso, amasebe emfundo amaphondo makaseke yaye alawule amaziko okumakishela iimviwo afanelekileyo.
2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i-WCED) ke ngoko ligunyaziswe ukuba lifumane izikolo eziphakamileyo/amaziko afanelekileyo amakasebenze njengamaziko okumakishela iincwadi zeempendulo zeemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC) nezeSatifikethi Matriki (SC).
3. Ziyacelwa izikolo/amaziko azanelisayo iikhrayitheriya (ezicaciswe **kwisiHlomelo A**) ukuba zifake izicelo zokusebenza njengamaziko okumakishela iimviwo kunye nokuhlalisa abamakishi ukwenzela iimviwo ze-NSC/SC ithuba leminyaka emithathu, ukususela ngoDisemba 2024 ukuya kuSeptemba 2027. Amathuba/Imijikelo yokumakisha imi ngolu hlobo lulandelayo:

Uviwo	Ixesha lokumakisha
Iimviwo ze-NSC zangoNovemba	01 ukuya kwi-24 Disemba
Ukumakishwa kwakhona kweemviwo ze-NSC zangoNovemba	Ngempelaveki (ngoLwesihlanu ukuya ngeCawa), phakathi kuFebruwari
Iimviwo zangoMeyi/Juni ze-NSC/SC	Iiveki ezimbini zokuqala zeholide yesikolo kaJuni/Julayi
Ukumakishwa kwakhona kweemviwo zangoMeyi/Juni ze-NSC/SC	Impelaveki yokuqala (ngoLwesihlanu ukuya ngeCawa) ngoSeptemba

4. Isicelo sokusebenza njengeziko lokumakishela iimviwo

- 4.1 Abenzi-sicelo bamaziko okumakishela iimviwo abaphumeleleyo baya kuchongelwa ithuba leminyaka emithathu kuphela, ukususela ngoDisemba 2024 ukuya kuSeptemba 2027. Zonke izikolo/amaziko ebekade esebenza njengamaziko okumakishela iimviwo nanqwenela ukuqwalaselwa kwakhona, makangenise isicelo kwakhona.
- 4.2 Kuqhotyoshelwe apha iikhrayitheriya zeziko lokumakishela iimviwo (ezicaciswe **kwisiHlomelo A**) ukwenzela ukuba izikolo/amaziko abe nokuqinisekisa ukuba ngaba ayazifezekisa na iikhrayitheriya phambi kokuba afake isicelo.
- 4.3 Iziko lokumakishela iimviwo malibe nako ukwenza imisebenzi yokubonelela ngokufanelekileyo iimfuno zabasebenzi abamakishayo nokunika inkxaso inkqubo yokumakisha. Oku kulandelayo makuthathelwe ingqalelo phambi kokuba isikolo/iziko lifake isicelo sokuba liziko lokumakishela iimviwo:
- Indawo eyaneleyo yokumakishela neefasilithi ezikulungeleyo ukwenza uqeqesho nenezindlu zangasese
 - Iifasilithi zokulungisa nokutyela ukutya
 - Indawo yokulala ehostele (ukuba iyafuneka)
 - Ukhuseleko
 - Ulawulo lokungena nokuphuma (*access*) ukuthintela ukungena kwabantu abangagunyaziswanga
 - Indawo yokupaka imoto (*parking*)
 - Inkonzo yezothutho/yezithuthi ezingooquqa (njengoko kuyimfuneko)
 - Iziko lezolawulo (*management/control centre*)
 - Iifasilithi zetheknoloji zengcaciso nonxibelelwano (*Information and communication technology*)
- 4.4 Izikolo/amaziko anqwenela ukuqwalaselwa njengamaziko okumakishela iimviwo makafake isicelo ngokusebenzisa ifom yokwenza isicelo kwikhompyutha ukuqinisekisa ukuba ayazithobela iikhrayitheriya zamaziko okumakishela iimviwo.

- 4.5 Iziko lewebhu apho kufakwa isicelo kwikhompyutha sokuba liziko lokumakishela iimviwo (*online marking centre application platform*), kunokungenwa kulo ngale linki ilandelayo: [Marking Centre Application Form](#)
- 4.6 Ukuba kungenzeka ukuba izikolo/amaziko anqwenele ukuzalisa ifom yesicelo eliphapha eliprintiweyo, maziqhagamshelane namagosa akhankanywe kumhlathi 8.
- 4.7 Umhla wokuvalwa wokwamkelwa kwezicelo kwizikolo/kumaziko aza kuba ngamaziko okumakishela iimviwo ngowe-**28 Matshi 2024**.
- 4.8 Utyelelo lwamaziko luya kuqhutywa kuzo zonke izikolo/amaziko afakwe kuluhlu olufutshane ukuqinisekisa ukuba ayazifezekisa iikhrayitheriya ezichaziweyo.
5. YiNtloko yeSebe leMfundo kuphela enegunya lokuvuma izikolo/amaziko njengamaziko okumakishela iimviwo ngokususela kwiikhrayitheriya ezikhankanywe kwisiHlomelo A.
6. Ukuchongwa kwezikolo/kwamaziko njengamaziko okumakishela iimviwo kuya kuqinisekiswa **ngeleta yokuchongwa EYAYOKUGQIBELA (FINAL)** esayinwe yiNtloko yeSebe leMfundo okanye lowo kudluliselwe kuye amagunya.
7. Kujongwe ukuba iinkqubo zeziko lokumakishela iimviwo aziyi kuthintela naziphi na iinkqubo zesikolo zangaphakathi. Izikolo ezikhethiweyo zifanele ukuba zifumaneke **ngalo lonke ithuba** lenkqubo yokumakisha iimviwo ze-NSC zangoNovemba kunye/okanye neemviwo ze-NSC/SC zangoJuni, njengoko kuyimfuneko.
8. Kucelwa niqhagamshelane nala magosa alandelayo ukuba nifuna naluphi na olunye uncedo:

Isithili	Igosa	Iinkcukacha zoqhagamshelwano
Metro Central Metro South Metro East	Bronwyn Calvert	Bronwyn.Calvert@westerncape.gov.za Tel no.: 021 467 2994
Metro North Cape Winelands	Monica Hollenbach	Monica.Hollenbach@westerncape.gov.za Tel no.: 021 467 2960

9. Kucelwa abalawuli bezithili, abaphathi beesekethe, abaququzeleli bovavanyo neemviwo kunye nabacebisi ngezifundo ukuba bazise okuqulethwe kule ngcaciso imfutshane zonke iinqununu ukwenzela ukuba zibe nolwazi ngenkqubo yokwenza isicelo kunye neekhrayitheriya zokufaneleka ukuze bakwazi ukuthathelwa ingqalelo njengeziko lokumakishela iimviwo elifanalekileyo kwithuba elisusela kuDisemba 2024 ukuya kuSeptemba 2027.

10. ISebe i-WCED lithembele kwintsebenziswano nenkxaso yenu kulo mbandela ubaluleke kangaka.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2024-03-04